

Ukuchazwa Komhlaba.		Ubekalu.			Irafu ese lityala.	Le rafu ilityala iqala ngo.	Wagqityelwa nkweni gama.	
		A.	R.	p.	£ B.	d.		
Building	Lot 2 AA , Perie M.S.	32	0 12	6	1st January, 1883	Sindapi Busoshe.
Garden	.. 131 do	...	7	2	2 10	0	do.	do
Building	.. 1 AA, do	32	0 12	6	do.	do
Garden	.. 130 do	...	6	...	2 10	0	do.	do
Building	.. 4 EE, do	32	0 12	6	do.	do
Building	.. 9 CC, do	32	0 12	6	do.	do
Garden	.. 39 do	...	8	1	do.	do
Building	.. 2X, do	32	0 12	6	do.	do
Garden	.. 149 do	...	6	...	3 0	0	do.	do
Garden	.. 123 do	...	6	...	2 10	0	do.	do
Building	.. 5 C. Mount Coke	32	0 12	6	1st January, 1883	William Yapi.
Garden	.. 58 do	...	64	...	2 10	0	do.	do
Garden	.. 3, Masingata's Village	...	6	3	39 61	3 0	0	do.
Building	.. 20 B, do	32	0 12	6	1st January, 1882	Jeremiah Masingata.
Garden	.. 63 do	...	6363	...	2 10	0	do.	do
Building	.. 2 E, Buchanan	24	0 12	6	do.	do
Building	.. 9B, IXABISO 3d.]	...	8 5	...	0 15	0	1st January, 1883	Kweya Gquse.
Garden	.. 20 K, do	3 0	0	do.	do
Building	.. 7 C, Peuleni	33'865	0 15	0	do.	do
Garden	.. 6 BB, do	...	6 3496	...	3 0	0	do.	do
Building	.. 5D, do	33 865	0 12	6 1	1st January, 1883	Stephen Tintele.
Garden	.. 8CC do	...	63496	...	2 10	0	do.	do
Building	.. 4 H, do	33 865	0 12	6	do.	do
Garden	.. 20 II do	...	63496	...	2 10	0	do.	do
Building	>. 3 L, do	33865	0 12	6	do.	do
Garden	.. 3 JJ, do	...	5-71466	...	2 10	0	do.	do

Imvo Zabantsundu

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

ISAZISO SIKA RULUMENTE, NO. 506, 1888

[No. 196

ISAZISO SIKA RULUMENTE, NO. 506, 1888

I-ofishyo Mpatiswa-Mhlaba Nemisebenzi, e Kapa, 16 June 1888.

Ekubeni u Rulumente enikwa amandla, yinteto yesiqendu sokuqala so “Mteto we Mhlaba Elahliweyo,” wesi 3 womnyaka we 1879, njengoko abuyekwezwe ngo Mteto wama 20 we 1887, ukuba makayisebenzise ayabe Imihlaba Elahliweyo ngabaniniyo ngoluhlobo luchazwa aba, okokuba:—

“ Xenikweni kuko Irafu nomhlaba ebanjwa u Rulumente wale Koloni, ngendawo, mhlaimbi ngempahla efunyenwe ku Rulumente, engabliatalwanga kwada kwapela iminyaka emihlanu, yaza londawo mhlaimbi lompahla yayekwa, yalahlwa, waza noyena mniniyo nokuba ngoqeshileyo, xa ngaba kuujalo, kwa nommeli wake ngomteto akafunyanwa, kuya kuyifanela i Ruluneli ukuba yenze isaziso ngalondawo, mhlaimbi ngalompahla, ixele ukuba ilahliwe kwi *Government Gazette*, nokuba kukulipina ipepa eyoqonda ukuba lifanelekile, kube kanye ngenyanga kwinyanga ezintatu ezilaudelayo, kuze kuti ukuba pakati kwezo nyanga ntatu zesaziso akafikanga umniniyo, mhlaimbi oyiqeshileyo londawo nokuba yimpahla, kungafiki nommeli wake ukuza kumisa ibango lake kuwo, aze alike ayibhatale lorafu ilityala, koti ekupeleni kwezo nyanga zintatu zikankanyiweyo i Ruluneli iya kuyitabata londawo nokuba yimpahla, ibe yeyayo, ize lyisebenzise nangawupina umteto wolohlobo owoba uko apa e Koloni ngeloxesha; kodwa ke, amaxesha onke, ukuqutywa kwalo mteto ukankanyiweyo, maze ulungelelane nezahluwana ze sibhoze, nese sitoba, nese shumi, zo Mmiselo wesi 9 womnyaka we 1844, ukuba ube ngumhlaba obambisileyo, nokusetyenziswa kwemali zawo zivumelane nalowo mteto.”

Apa ke kwaziswa bonke abantu ukuba le Mhlaba ibalulwa ngase zantsi apa ekwi siqingata sase Qonce kutiwa iyelahliweyo ngabaniniyo, njengoko sekutshiwo; ke u Rulumente uya kuyitabata ibe yeyake ngo 16 October, 1888, ukub ayimenywanga kwangapambi kwelo xesha, zaza zahlaulwa irafu ezingamatyala ku Mantyi weso siqingata, njengoko kubhalwe ngako kwesi siqingata salomteto,

F. SCHERMBRUCKER,
Umpatiswa.

Umhlaba okwisi Qingata

sase Qonce

(Kingwilliamstown), oku

No. Igama lomniniyo Ekupeleni, Ixesha lokunikelwa kwe Tai tile.

ngabaniniwo.

			1828
2	Sindapi Busoshe	13th July, 1869	1829
	do	do.	1826
3	Basoshe ...	do.	1827
4	do	do.	1944
5	Kwebulana	do.	1882
6	Simon Ndayi ... do	do.	1883
7	Frans Witboy ...	do.	2180
8	do William Yapi	do.	2181
9	John Boezack ...	do.	2143
10	do	do.	234
11	Jeremiah Masingata	20th Feb, 1868	233
12	Dyibi Tonga	do.	331
13	do	do.	314
14	Kweya Gquse ...	5th January, 1869	313
15	Nyoka Mtyingili	20th Feb., 1868	1610
16	do Zachariah	do.	1642
17	Tweyi	24th April, 1869	1643
18	do Stephen	do.	2676
19	Tintele	do.	7th
20	do	Nov., 1876	23rd
21	Daniel Ndevu ...	do.	7th
22	do	do.	23rd
23	Shadrach Tintele	do.	7th
24	do	do.	23rd
25	do	do.	7th
26	do	do.	23rd

John J. Irvine & co., Baker, Baker & Co.

KINGWILLIAMSTOWN.

ABATENGISI BENTLOBO ZONKE ZENGUBO.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s
IBHATYI „ „—5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe „ „—4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, is, Is 3d, is 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—is 6d, is 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s lid, 3s 6d

Kuko i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) 7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqkumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand`ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5½d, 6d nge yadi

Izitofu ezibugqi—6d, 7 d, 9d nge yadi

Lo, ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

U-ALUVENI.

E-QONCE (Kingwilliamstown),

Batengisa ngoku

Idyasi Zobusika, ziqala ku 13s. 6d. zinyuke. Isuti

Zobusika, ziqala ku IIs. 9d. zinyuke.

Ezobusika Ibhulukwe, ziqala ku 3s. 9d. zinyuke

Ezobusika Iblankete, ziqala ku Is. 6d. zinyuke.

Nezinye ingubo zobusika

Ngamaxabiso akwanjalo ukuba pantsi.

ZILUNG-ELE EZINGQELE ZIKOYO.

Yizani kuzibonela imfumba

Yebhulukwe Zekodi ziqala ku 5s. zinyuke.

Iminqwazi Etambileyo iqala ku 1s. 9d. inyuke.

ISANDUKUFIKA LOMPAHLA.

Baker, Baker &

E-QONCE (Kingwilliamstown).

Inyama ne Zonka

Nento ezinjecge kofu ne swekile zitengen, ko

BOURKE NO MARSH, e Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

ABATSHATILEYO.

MAYEDWA—PONGO—Ngo 17 July, kutshatise, ngu Rev. S Sihunu, e Gwaza, u WILLIAM MAYEDWA no BETSI PONGO.

ABABHUBHILEYO.

SINGABA.—Ngomhla we 16th July 1888, kubhubhe u MANGALISO SINGABA, ngokugula Okufupi kakulu nguwo lomkuhlana nwileyo kweli letu. Usishiye esixelele ngokugodukela epakadeni lo Sombawo, ngokoba elnfunene nxolo ngendlela zonke akade eposisa ngazo Ke nmzi ose Kama, stone nose Dayimani (Kimberley) siyawu-bikela.

MVIMBI.—E Kimberley kubhubhe ngo 19th July 1888, u SAMUEL MVIMBI, unyana omncinaneka Hendrick no Francina Mvimbi. Izihlobo ezikude mazamkele lo nibiko.

INCWADI!! INCWADI!

Kwi Ofisi ye “ Mercury.”

KUKO into eninzi ye ncwadi zotn Bhedosho zesi-Xhosa ezazize kutengwa. Ukuba abaninzo abazikululanga ngapambi ko 31st August 1888 ziyakute. ngiselwa indleko zokubotshwa kwazo.

Amagama abaninzo (1) Swaartboy (2) James Kololi (3) Joe Smith (4) Jemima 8. Dlakiya (5) Joe (6).

Kwabafuna ukutitsha

Kufunwa Otitshala Ababini (2).

(1). E Mount Fletcher, Griqualand East, kufuneka ititshala enokuwuqonda umsebe- nzi. Isikula sinabantwana abamashami matandatu (ngamanye amaxa nangapezulu). Umvuzo ngamashumi omane eponti ngol nyaka nendin, namasimi. Osifunayo ma. katumele kogama lingapantsi, atnmele incwadi ezibonisa nkuwulingana kwako umsebenzi onjalo. Makabhale` isicelo sake nge«i Ngesi.

STEPHEN MAKHOBOTLOANE.

Mount Fletcher, Griqualand East.

(2) E Khetekhete, Griqualand East, nakona kufuneka ititshala enokuwuqonda umsebenzi, abantwana bakwa ngamashumi amatandatu. Umvuzo £40 ngonyaka ne- ndlu namasimi. Osifunayo makatumela kogama lingapantsi, abhale isicelo sake ngesi Ngesi.

STEPHEN MAKHOBOTLOANE.

Mount Fletcher, Griqualand East.

KO TITSHALA.

KUFUNEKA kwi Sikolo sase Ndwana, i District yase Cala, i Titshala enokufundisa lai Bhulu nesi Xhosa, kunye nesi Ngesi. Onjalo angabhalela u

REV. E. J. WARNER,
Mount Arthur,
Lady Frere.

KUFUNWA u Titshala we Sikolo sa Bantsundu e Kimberley, umvuzo ngama £75 ngonyaka. Umntu olisoka ufunwa ngapeznl. Ofunayo wobhalela ku

REV. J. S. MORRIS,
Posno Street,
Beaconsfield.

Isaziso kubabhaleli bam.

REV. S. MZAMO,
Seplan,
Care of W. H. Wilson, Esq.,
Askeaton,
Lady Frere.

KWABANTSUNDU.

NDIVULE Ikaya le Ndwendvre. EMONTI (Hanover Street). Ndinesitali ezikuln. ENOCH MABENGEZA.

ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena. Magosa am bowatunyelwa oeke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela izi Campo nokuba yi mali ebatnba ngepepa I. posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga paandle ko *Mpilisi Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitle yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,
Ingcisa Lemidiza. the
laboratory, Fort Beaufrt.

Kubatabati be “ Mvo ” e Bhayi.

KUYACELWA kubo bonke abetabati be “Mvo” abase Bhayi, abamapepa ebepuma ngo Mr. J. S. Adams, okweli lase-Maxhoseni ngokunj, ukuba basitumele I address zabo kwakamsinyane.

Kubankeli be Mvo bonke.

Siyababongoza abamkeli be Mvo ukuba ulowo nalowo, makati, xa anga zifumaniyo “Imvo,” atumele kamsinyane ukusazisa, ukuze londawo siyilungise ukuba kunokwenzeka.

Iveki.

IMANTYI yase Alvani, u Mr. Gic, ubhubhe nge Sabata engapaya (5 August).

IGWANGQA elingu Welsh e Kimberley alipumelelanga belizinqamla umqala nge-veki engapaya. Lisiwe e Hospital, kodwa akuko temba lokuba lopila.

KWISIQINGATA sexesha elipakati ko 30 Sept. 1887, kuse ku 30 June 1888, imantyi zase Monti, e Ngqushwa, e Qonce, o Cuma- kala, e Katikati, e Batisi, kwa Tsolo, e Mount Fletcher, kwa Centani, e Ngqamakwe, e Ngcobo, e Mpofu, e Dikeni, e Kotnani, e Nyara, zixele ukuba inani lenkomo ezifane ngu Manzabomvu liku 438, ezifileyo 262, I Monti lizicopele zonke ngenkomo eziguileyo ziku 117, zaza ezifileyo zaku 104.

E NGLANI kulungiselelwa iqela lama-doda ukuba liyekufuna u Mr. H. M. Stanley, pakati kwe Afrika.

AMANAVI apa amangele ukusebenza ase Paris, alwe pakati kwawo odwa ngo-Mvulo engapaya, ahluhlene ngubuzwe—ubu Fre-ntshi nobu Italiyana; Kufe am Italiyana wamnye, baziqgwelera abane. Aya engena kwakona emsebenzini.

KUKO inteto yokuba umpati waphesheya u Mr. Arnold White, walama Migrant ase Wolseley, ngase Ncema, ucinga ngu- kuwafudusela kwelipezu lu kwase Kotnani, awutengise lomhlaba akwano ngoku.

KUKO umfo ontsundu odliwe £2 e Kimberley, ngokupalaza pezu kwenja inku- mye yamanzi ashushu.

INKOSI ezakumiselwa esikundleni sika Moni kwa Bomvana ngu Langa.

U MR. H. S. VICE, obesisandla semantyi yase Ngcobo, ubhnbhele ku Maxongo ngo 31 July; i

NJENGOKUBA kuko inteto yokuba u Cap- tain Brabant unike ngu Rulumeni umse- benzi wokuhlola intolongo, iqela elitile labantu base Monti licinga ngokumisa u Mr. W. F. Lance, endaweni yake e Pala- mente.

KUTE e Tekwini Durban) ngolwesi-Tatu Iwengqitileyo isitoba sabamnyama sisephe- nyaneni kwizibuko lase Natal, suka latyi- nda liliza. Kwasisindiswa batatu, isitandatu sawushiya umhlaba.

SELESE Rini umxhomi, elungiselela uku- xhoma amadodana amabini apa awabulala ixego u Mr. Grant, e Rini, o Philip Ntsanga, ni no Robert Ncapayi. Eyesitatu indodana engu Charlie Zono, siguqulwe yi Rulumeni isigwebho sokufa, senziwa ubom bayo bonke ebunzimeni.

“ SIVIVI SEXHALANGA,” akulitumelanga elona gama lako, singatsho ukuba libe lifu- nekela ukushicilelwa, kodwa ukuba liqinise ubunyaniso benteto yako.

U MR. W. WELLBELOVED umiswe li Gqu- gula elipete indlela zomandla wase Qonce ukuba abe ngumbuti we rafu yezinja. Ku- celwe, u Rulumeni ukuba avume ukuba Izibonda zinceedise ekubutweni kwale rafu.

U RULUMENI wase Natal ucela ukuba anikwe £3,500 yi Palamente ukuba ake i ofisi entsha ymantyi wase Maritzburg.

INTO ka Soutseu ese Swazini, isarwe impondo ngukumkani welo Umbandini. Imai; ayisingeni ngaye njengokuba ihifudu- la isenjenjalo, ngoku u Mr. Shepstone sele ngumcebisi kodwa wukumkani esamkela ixabiso eliqoqiweyo ngalowomsebenzi.

U MR. BAMBERGER, obefudula eyimantyi e Nyara, obekulondawo e Hanover ususiwe kulondawo, ngenxa yoburalarume, wanikwa ubupatiswa kwa Lolive.

KUTSHE indlu ka Mr. Laidley, umlindi wamahlati e Tsitsikama, ebusuku nempahla yonke. Abantu bebelele kwelinye ixobo- ngwana.

LiXHAFESHU kulo lonke ngoku, kunyulwa abameli kwintlanganiso zeziqingata (Divisional Council.) Leliqunguqela elimisela irafu yezinja. Ukuba umzi wakuti uyanya. nisa, awuyifuni irafu yezinja, abavoti maba. ndwebele ukuba kunganyulwa malungu aya kuqiniselelo la Rafu. *Pa op* ke.

INDINDALA elingu Tom lase Komani elali- fakwe intambo ngu Mr. Jones ngobusela ebusuku, likululwe. Igqweta le Nkosazana aliboni tyala.

AMANENE asele zimisele ukungena elugqa. tsweni. ukumela i Rini e Palamente, ngo Mr. J. E. Wood befelilungu kakade no Mr. I. Luke, no Mr. A. Wilmot, no Mr. D. Sampson.

E XESI, kwa Kama, ake amadodana ama- bini agqebela ixego u Brakfesi, elingutnalusi wakwa Vice, ngenduku ezide zapukela entloko. Ufike nzima u Breakfast kwa Nobomvana (opatele umantyi). Abanjwe kwalomini lomadoda nga Gxabhagxabha (Mr. Dovey) selele kwantsiza.

NGOMTETO ka Mr. Sauer we rafu ezibandakanyiyweyo (eyesiza ne phekepheke), ngobusika obuzayo July 1889 kumiselwe ukuba ze kurolwe ngabantu abasezilokeshoni 5s., ze bayirole iyiponti ngo July 1890.

UNGOMTI (Evans & Co.) e Qonce unesaziso kwelanamhla.

KUTIWA akumashumi amatatu amagqweta e Jaji e Pretoria.

U DR. ROSS wase Qonce unduluka ngolwe- siNe ngeveki ezayo ukusinga kwela Mangesi apo ayakuhlala unyaka.

NGOKUQEKEKA kwe dam, ngaleveki igqiti- leyo e Valparaiso koyikelwa ukuba kufe amakulu amabini abantu.

UMKOSI wase Italy okumakulu amatatu anamashumi mahlanu ubulewe ngama- Abyssinia konke ngalo Mvulo ugqitileyo.

AYIVUMANGA i Palamente ukuzitoba irent zamafama apeshuya kwe Neiba, ngokwecebo lika Colonel Griffith, kodwa izihlise okunye ezamafama Amabhulu akwelipakati. Itmba. ngi kukuba wona ayoyikwa kuba enevoti.

IYAKUWUQALA u Mjikelo e Cradock i Jaji apo iya kuhlala ngo 3 September, yandule ukuya e Somerset East ngo 5 September

U MR. JOHN SAMUEL use Dayimani ngoku apo ahlola izikolo. Asiva nto ngo Mr.

IMVO ZABANTSUNDU NGOLWESI-NE AUGUST 16, 1888

Udaka lwakwa Zulu.

AKUKO nto imbi kunale yokuti imi- cimbi yabantsundu ipati- swe amaqitala ngu Rulumeni. Lento ke idla ngokudubula emfazweni. Siwuqonda umzi wakowetu, akuko namnye umzi, kule ikoyo, onqwenela imfazwe no Rulumeni, nokuba ngulo unganeno nokuba ngowa pesheya. Njengokuba namhla kusiliwa kwa Zulu, asikukuba ama Zulu ebelangazelela ukulwa no Mntan’ Omhle, Inkosazana. Ngelituba ke amazwi epakati le Nkosazana u Lord KNUTSFORD, angokuba ulaulo lwe Nkosazana lunyanzelekile ukuba lungenise umkhosi owaneleyo kwa Zulu, wokutyumza impi ka DINIZULU, awabonakali kufi engamazwi ebefanele ukutetwa ngalemfazwe yakwa Zulu. Xa sitshoyo, senziwa kukuba zimbini indlela engapeliwa ngazo lemfazwe yakwa Zulu ezivulelekileyo ku Lord KNUTSFORD. Nokuba kungayipi indlela, zimbini nje, bangafikelela ekulixoliseni abapatiswa be Nkosazana. Enye kwezindlela, yeyokuba abapatiswa bapendle izimvo zama Zulu, mayelana nento ebage oludaka. Siqinisekile ukuba kuya kufunyanwa ukuba olutuli alubangwe kukuba ama Zulu ebefuna ukulwa ne Nkosazana. Ibe ke liyaxolwa. Yimbi indlela yile kujanjwa ngayo yokuhlanganisela yonke imikhosi enako ukuhlanganiswa ukuba iye kutyumza njengokungati kutyunyuzwa oqongqotwane, iqela lakomkulu kwa Zulu, Usutu. Ayakuti ke u Lord KNUTSFORD, akukova ukulutyumza usapo olo, ulufezile uxolo, kuba esuke wadala intlanga. Akuko nto anokuyenza ke ama Zulu Amelwe kukuba akangele ukufa nokupila Asezandleni zabo banawo amandla okuwavumela adle ubom, mhlambi awabulale.

Ubani mhlambi angabuza ati, kanti nje ama Zulu awayifuni imfazwe, kunganina ukuba kubo- nakale ukuba amapakati Enkosa- zana anyanzeleke ukuba angenise imikhosi kwa Zulu ? Otsihoyo singa mkumbuzo ukuba, alinqabile icebo lokumcapukisa nokumdinisa umntu ngohlbo lokumbanga ukuba ade enze into angayiqondiyo. Lucuku olunjalo olubange esisipitipiti siko- yo kwa Zulu. U Miss COLENSO uke watumela izingitshimi ezingo TWAISA MABASO no MUBI NONDINISA kwi Nkosi ezisehlatini, ukuyakutabata eyazo inteto ngoludushe lukoyo. Ingxelo yezo zigitshimi idweliswe kwipepa lase Natal i *Witness*, le 28 July, yaye ibonisa ngokungatandabuze- kiyo ukuba ama Zulu abengengayo imfazwe. Oludaka, (ngabula NDA- BUKO) alubondelwe ngu MALIMATE (ngu Mr. OSBORNE lowo oyintloko ye mantyi kwa Zulu).

Imvo Zabantsundu zavakalisa kwamhla kwavakaliswa ukuba elakwa Zulu lamkelelele pantsi kwe piko le Nkosazana, mhla kanjazo kwahlokonyiswa into eninzi ye mantyi, yati ezimantyi zifumane

zamiswa ngapandle kokucalula, zi- zo eziyakubonda umqa wemfazwe Sasenza esisiprofeto kuba sasisazi. Namhla sizalisekile.

Ayifihli i *Natal Witness* ipepa lase Pietermaritzburg, elibonakalisa ngenteto zalo ukuba ligqibile ukuluqonda uluvo lwabantsu- ndu, i *Witness* ayifihlisi xa isiya kumtombo walenkatazo iko- yo kwa Zulu. Yona iti:—

Imbangi yalemo yezinto kwa Zulu, kokuya kupakanyiswa kuka SBEPU Yinto ebaleleyo ukuba kute enava koku- wiswa kobukosi balonjubaqa nga Mabhu- lu kwa Zulu, xa kwabe kupete u MNYA- MANA epatele u DINIZULU, lazola elakwa Zulu, zaye imantyi ezazise Tshowe zinga- mvumeli u SBEPU ukuba alipitizelise. Kute xa lixilileyo, lamkelelwa pantsi kwepiko le Nkosazana elakwa Zulu, laza lagalelwa ngenyihlilitiwaye ye mantyi, ebesezingena msebenzi, abelungu beve- nkile abebesebengena msebenzi, nababeke bezama ubusela bomhlaba, yati lonkungu- nelanga yanikwa amawonga okupata. Omnye kwezo mantyi wayesakuba ngu Mlungu we venkile kwesika SEEPU nge- laxesha le Nkosana eyavukela u CETYWA- YO ; yaza i Mantyi e Nkulu yaba ngumntu ongatenjwayo. Iqela la Komkulu kwa Zulu—Usutu—belingalindele ukuba a- ngalilaula ngobulungisa. Kute ukugqi- bela, pezu kwesi mbonono samapepa ase Natal ne Palamente yakona neyapeshuya, wabuyisela u SEEPU kwakumhlaba awaye kuwo oko wave yi Nkosana pantsi ko CETYWAYO. Indlela awubuyiselwa ngayo yiyo le ibange ezizipitipiti. Kutiva isizekabani salenkatazo zinkomo, akuko nto icacileyo ngetyala elo lenkomo. Kwaye kungacacile kanjako ukuba linokunina ipike ngenkomo ezimbalwa ukubanga ukuba lizale lonke yimikhosi exhobuleyo elo lakwa Zulu;—imikhosi engelele ukupalaza igazi, erodomshe izi- gitsihimi ezazitunyelwe ukuyakubaza im bangi yezipitipiti.

Amanqaku.

INENE elingu Mr. J. Joubert, elimele i Burgersdorp e Palamente alipumele- langa, libe lingenisu umteto wokuba amatyala ezicaka zefama no bhasi bazo agqitywe ngamagosa azi Felkornet, kude kube sekatsini. Eyona nto ajonge kuyo u Mr. Joubert kukumisa isiko apa lama Bhulu lokusibophelela evilini nase desil- bomini isicaka, sityakatywe ngesabohkwe u Mr. Joubert uxele ukuba uko e Free State umteto onjalo, waye usebenza ka- kuhl. Akwaba ebete usebenza kakuhle kokwake ukuqonda, kuba lisaziwa nguye wonke ibali lama Bhulu nezi tropu nezabohkwe pezu kontsundu. Lomteto uburalarume, uxhaswe ngu Mr. Cecil Rhodes, ilungu elili Ngesi lase Ligwa ; waza kunjako waxhaswa ngu Mr. Sive- wright ilungu elitunyelwe e Palamente kwangama wetu antsundu ase Mbo. U Mr. Hofmeyr akabangako engxoxwe- ni nase votini. Ibhulu linye eliwuchasi- sileyo ngu Mr. J. P. du Plessis wase Cradock. U Mr. Douglass ungenise elokuba uqetulwe, waxhaswa ngu Mr. Sauer ngenteto ebukhali. Kute kwaku- tiwa mababonakale abawuxhasayo nabati mawuqetulwe, abeliqela lokugqibela ba 40, baza abati mawumiselwe umteto onjalo ba 18 ; ngabo abato:—Messrs Sive- wright, van Heerden, du Toit, D. N. de Wet, Joubert, Venter, Barry, Proctor, van Zyl, Le Roex, Rothman, Des Vages, De Waal, Oosthuisen, van Eeden, M. J. du Plessis, van der Walt, and van Rens- burg.

KULILUNGALO kuma Mpondo ukuba azazi inteto ezingawo zamapepa endaba omzi omhlope. Kokona angazipendule- layo ukuba ayatanda. Le yinteto ye *Journal*, elase Rini, ebangwe yinteto ye Nkosi Umhl ingaso ebikwelase Kokstad. “ Elama Mpondo,” itsho le Nkosi, ” lizi- mele lodwa, alingwelele ukuba libe nento le yokupendulana no Rulumeni. Sino sizi ukumbona Umhlangano ejoikisile kulomkoudo wobutshaba kwi Koloni, sicinga ukuba ungemchisi oyakuwuhli- sela ingozi umzi wakowabo. Ibiyindawo yoku ukuba azi ukuba kuyile mini nje, akazimele odwa Amampondo, kanjazo ukuma kwawo odwa kupumle pezu kokokuba angenzi luto ukucapukisa i Koloni. Asifuni nto tina ku Mampondo, kodwa akasakunyelwa ukuba aqube ubuntammani na Majelimeni, ze ngokwe-njenjalo ayibeke esicengeni sengozu i South Africa. Angaba wenza eyona nto Umhlangano ukuba usebenzele ukuncedisa inqubo pambili pakati kwa Mampondo. ekuvakala ukuba ase ndibongweni yodaka lobunyama nobuhedeni, kanga- ngokuba isizwe sa Mampondo smgeze sakumangala ukungena pantsi kwe piko le Nkosazana. Yiyo levo into eyingozi enkulu ekuzimeleni kwa Mampondo. Siyamtemba kanye u Mr. Scott, ukuba uya kuba ngumhlobo wenyanyiso wabantu ne Nkosi zase Mampondweni, yaye inda- wo amiselwe kuyo iyakuba luncedo kuwo ngendlela ezininzi.”

NJENGOKUBA tina sikangele, singati mayiqiniseke i *Journal* ukuba akuko na- mnye umzi ontsundu ongani ungalahla eluxolweni ne Koloni; Into enqwenele- kayo ukuze uxolo lube loluqinileyo ku- kukuba u Rulumeni anike indlebe kwi- nto esazeke bazitete abantsundu, zingafu- mane zinyatelwe ngenyawo. Into elungi- leyo kukuba banikwe imantyi abanokuzi- temba, nanako ukuzitemba u Rulumeni. Impambano zingeze zaziwa pakati kwa- bantsundu no Rulumeni yezizwe lonto.

SIVUYISWE kunene sisenzo sika Mr. de Wet, ote ngapandle kokutandabuzwa wayelala ukuba kubhalelwe ezikorautini ukukweceliswa ukurankwama Mpondo, mayelana nokuba u Rulumeni usebenze- la ukulitabata pantsi kwepiko lake elase Mampondweni. U Mr. de Wet uyaleze u Mr. J. T. Wylde ukuba awaquadise ngokubalulekileyo Amampondo ukuba, akagubi butamamni u Rulumeni. Yi- yo le inewadi evakalisa oko:—“ Chief Resident Magistrate’s Office, Kokstad, 1 August, 1888. Mnumzctz,— Ngokupa- telele kwinteto ka Mhlangaso, ebonakele kwi *Kokstad Advertiser* yo 28 July, ndimkwe igunya ngu Mpatiswa Mictimbi Yabantsundu ukuba nditi u Rulumeni akanamcamango, nanmqweno wokulita- bata elama Mpondo alibandakanye kwe lake, kwankokuba nento yokwenza nemi- cimbi yombuso wasema Mpondweni.

Ndinembeko yokuba sicaka sako esitobe- kileyo, J. T. Wylde, Imantyi Enkulu Ebambileyo, East Griqualand.”

U MR. R. M. BOWKER uke wangenisa kwindlu yengwevu ye Palamente indawo yokuba lifikile ixesha ukuba i Koloni ingabi sancedisa ulaulo lwase Lusutu nge £20,000 ngenyaka, eyayivumile uku- yirola i Koloni ukunikelwa kwelo kwi Nkosazana. U Sir T. Uppington ute kaka- msinyane irafu za Besutu zikwanelele ukuhlala indleko zolaulo, le mali ayisa- kuba sarolwa yi Koloni. Icebo lika Mr. Bowker emva kwengxoxo alamalkelwanga.

U COLONEL GRIFFITH, omele aba Tembu nama Mfengu e Palamente, use- benza ngokwe gwele entlameni—ngoku- zola pofu ubhekisa pambili. Unobombuzo abete wazisa ukuba yakuwubhekisa ku Rulumeni, ngendawo yokuba uke wafu- mana inwacwina kwizimamhlaba ezintsu- ndu za Pesheya, icwela ukubazinkwe itai- tile, ukuba uyifumene, ibe yintoninai- pendulo. Elinye ibakala ushumise indawo yokuba umtandazo ka Mr. Pambani Figlan, nabanye abalishumi linane abemi kumandla wase Xalanga uyalezwe ku Rulumeni ukuba enze into abonayo ukuba ifanelle ngawo.

NGOLWESI-TATU Iwe veki egqitileyo amagwanga ase Dikeni ebentlanga- niso yokulungiselela umcimbi womelo e Palamente, njengokuba kuza kunyulwa amalungu e Palamente entsha nje. U Mr. Dewey urole icebo lokuba bamise i Komiti yokulungiselela. Utetengenani lamadoda aye funa ukunyulwa ngenx’ engapambili ukuba lininzi, nangenani eseliko namhla. Walata ukuba kufuneka bevisisene kwa ngoku ne Ngqushwa. Nokuba mazihlangane zibhunge i Komiti kwele Ntonga, zimise inyawo kumadoda amabini. U Dr. Nangle ute, akaboni ukuba singati- nina isigqibo se Komiti ukunqanda abantu ukuba bangenzi ukubona kwabo. U Mr. Watson ube kwakolo luvu, wabo- nisa ukuba ngolokugqibela unyulo waye nyulwe ngemvumelwano nelinye inene lase Ngqushwa (u Mr. Nesbitt), abapu- melela bobabini. U Mr. Slater ute, ukuba abanyuli sebe zimisele kutile, kuya kuba nzima ukubanamlu. Utuyidise ngokunyula i Komiti noko u Mr. Dewey, wasekelwa ngu Mr. Amos. Kwamiswa lamanene ukuba abe yi Komiti Messrs. J. H. Bezuidenhout, C. Lloyd, T. J. Naude, S. C. Slater, J. A. Cairns, H. Loest, J. Ingle, W. Dewey, J. Amos. Kugqitywe kwakona kweloku- bakubhalelwe e Ngqushwa ukuba nakona kumiswe i Komiti, ukuze zombini zidi- bane kwele Ntonga ngo August 25.

NJENGOKUBA sekunjenje nje, amawetu ase Dikeni nase Ngqushwa kuya kufu- neka chambe ngamacebo omkhosi omnci- nane xa ubambene nokubona. Ukolisa ngokuhamba ezintabeni nasema ggaru- keni, ungaziwa apo ukona. Umama ukuphina xa ubona ukuba ingxwabillini enkulu ikwindawo yengxakelo. Lixe- sha zivisisane ne ” komiti ezintsundu ngamacebo eziya kuwahambisa. Asiko- lwa tina ukuba le komiti yamagwanga iya kuvumelana, ngati isaya kuxabana kwa yodwa. Sisaya kuba sisintompoti seminyaka engapambili Siqonda nje. Nati masilale pezu kwe sirweqe.

SINGA singavusa amawetu amele mbo wase Ntsikizini ne Tamara. U Kwikwi (von Quickelberg), obesakuba ne nkanti e Ntsikizini, utumelele isicelo ku mantyi negqigula lake, eliyakuhlala ngolwesi-Tatu, ngentsimbi yeshumi e otisi, 5 September, ukuba avunyelwe ukuba ayivule inkanti yake. Ukuba aba- ntu bangema ngenyawo, ingezeyawulwa. Omnye onga angavula inkanti ngu F. Kath ezi Punzana. Umzi mawuhlangane kwangoku unyawuni ukuba ukufa kutyalwe esazulwini sentsapo nabafazi— yingcitatakalo ka Xhosa wonke lonto.

IRAFU yezinja uyalila kunene ngayo umzi. Le rafu, mauqonde umzi, ayiveli e Kapa. Ipuma kwezi nkundlana zikwa kwiziqingata enikuzo, ekutiwa zi Divisional Council. Icebo lokupelisa irafu ezinjalo libyakwaba vutle. Banegu- nya loktumela ayakwaba zindlela na- inehlo abo apo kwi Council, iqinga labo kukuba batumele amadoda ayakutemba ukuba ayakuti amele ukuba ipeliswa kwi ziqingata zabo irafu yezinja. Huku ke, makaba akowitzu! Izaziso ngamalungu anyulwayo mazitunyelwe ku mantyi we siqingata ngapambi ko 10 September lo, zibhalwe ngabavoti abahlanu! Nalo ke ilungele lenu! Akuko yimbi indlela eningati niyipelise irafu yezinja ngapa- ndle kokunyula amalungu eniwayizyo ukuba aya kuyichitha.

INTLANGANISO ezingamehlo omzi inazi- yilungiselele lento yolunyulo Iwabatneli kwi Divisional Council. Zincedu umzi mayelana nayo. Akuseko xesha. Ku- nyulwa namhlanjenje akusakunyelwade kupele iminyaka emitatu. Siyayikutaza eyase Hewu ngokuyivelela lenkalo.

Abaxhasi be “Mvo.”

Sivakalisa, sibulela, ku mawetu atumeleyo, ukuba samkele inkozwana zokuxhasa ipepa, ezivela kulamanene namanenekazi amagama acwangcisiweyo ngukulandelayo ngenyanga ka July 1888 :-Messrs M. J. Poswa, John Mtila, James Majola, J. A. Nkova, J. VV. Sontunzi, Niven N. Magwanyana, Mtiwana Magabela, Klaas Tuta, John Zamzam, Isaiah Tsoko, Joel Jack. Win. Sebe. Wm. Balfour, Geo. Msabiso, Rev. Wm. Holford, Messrs. James Nrspe, W. W. Mabusela, Mrs. M. A. Mhalla, Janies Balfour, John Ncapayi, Stephen Sibus, Jacob Mvinjelwa, John Masiza, Edward MagweWe, A. VV. T. Brigg, J S Kuze (Adv.) Win Ndulama, Africa Elephant, R S Nlabati, Dlongwana Myoli, C A Jay & Co., (Adv.) E J Mqoboli, W C Mtoba, Johannes Mvataza, Rev Samuel Sihunu, (Advnt and Subs) Messrs P K Bi- ugwa, P. Mfuleni Bidli, (Jolley M S Mdzinwa, Chas. Tyatya, Alex Maga, David Nguida, Alfred George, John Ngebetsha, M K Mtakati, Petros B. Mateza, John Z Zini, J Ngcauk, John Mtyapi, Hk. Mazamisa, MiSi Emily Manana, Mr. Kenneth Ncapayi, Rev M Limon (AdvT) Messrs John Qinqa, Chas Ngece, Thos Ngxwashula. Rev J Zwe- libanzi, Messrs W W Stofile, W Klaas, (AdvT) John Mess, Fred G Hiles, John Cele, Ezekiel Nzewo, Tshuka Konougo, Tsewu Konongo, Junr. Andrew Smith, M A, RL Magezeni (AdvT.) Cbas Mjodi (AdvT and

